

Ukulima Ngendlela kaThixo



Training Manual

By Grant Dryden
Translation by Vumile Ndzululeka

Farming God's Way Training

Idefinition.....	2
Isahluko 1.....	2
Isahluko 2: Isisombululo SikaThixo.....	4
a) Mazi uThixo.....	4
b) Vuselelani iTempile.....	4
c) Ziziseni izishumi neminikelo.....	5
d) Ukuhlwayela ngesisa nangovuyo.....	5
e) Ukwanela konke.....	6
f) Imfazwe kamoya.....	6
Isahluko 3: Imbali Yendlela kaThixo Yezolimo.....	7
Isahluko 4: Amanyathelo Ngamanye.....	9
Isahluko 5: iTechnology yezolimo ngendlela kaThixo.....	13
a) Ingubo kaThixo: Ungatshisi!!!.....	13
b) Ukungalimi – ungawulimi umhlaba.....	13
Isahluko 6: Good Management.....	14
a) Ixesha elilungileyo.....	14
b) Ngendlela elungileyo.....	14
c) Inkcitho encinane.....	14
d) Ngovuyo.....	14
Isahluko 7: Well Watered Gardens.....	15
Inkuthazo yezibhalo ezingcwele.....	15
Ukuqalisa iWell Watered Garden.....	15

Idefinition:

Ukulima ngendlela kaThixo yeyona ndlela yolimo evelisa imveliso enika uThixo uzuko lwakhe, inike nendyebo eyokuba lilifa kwizizukulwana ezizayo.

Isahluko 1

a) Imbali ka Boni

b) Indlela nobuhlwempu – ingxelo yokutya kwase Afrika

21 million tons zombona evela phesheya
3 million tons zonedo lokutya
Ukonakaliswa kweendawo zokuhlala

c) Imveliso

Umzantsi Sahara (ummandla) 300kg/hectare
Indawo ezininzi zizuka ngaphantsi kwetoni
Isidingo sokutya – 450kg ngomntu ngamnye ngonyaka umzekelo,
1,200 – 1,500 kg/family/year

d) Soil Erosion

Umhlaba ukhukuliseka ngehectare 30 000kg
Uthumelo lwezinto olukhulu lomzantsi Afrika
iZimbabwe ingazalisa oololiwe bempahla ababini bomhlaba
okhukuliswa ngamanzi ngonyaka
Ilahlekelwa 30 000kg kunengeniso yabo eyi 300k
Isheets of gullies
Isichumiso esimnka namanzi zizigidi

e) Labour

Abalimi bajongelwa phantsi
Uluntu alubajongeli ntweni
Nokungxamela kwabantu ezidolophini

f) Capital

Ukungqiba kwama Afrika
Ukudingeka kwetele-tele – umonakalo yaye awunakuncedeka
Ukunyuka kwamaxabiso ezichumiso
Ukuphakama kwexabiso lembewu
Zonke izinto zinamaxabiso oyikekayo

g) Standards

Ubuhlwempu – Ngenxa yokuswela ukwazi
Eg. Ukugcina ukhula lungexho nasemva kokuvuna
Ubungakancani bembewu
Ukuchumisa

Isahluko 2: Isisombululo SikaThixo

**Ulwazi lwabantu ngokugqibeleleyo alunako ukosula isiqalekiso sobuhlwempu
kwiHlabathi jikelele: uLimo ngendlela kaThixo – Ngelizwi
Nangezenzo.**

Isisombululo Sikathixo Kumbuzo othi “Kutheni kodwa”

a) Mazi uThixo

- Imizekeliso 3: 6-12 Uze umazi yena ezindleleni zakho zonke, wowulungelelanisa umendo wakho
- Genesis 1: 29,28,14 Wathi uThixo, Yabonani, Ndininikile
- Genesis 2: 15 UYehova uThixo wamthabatha umntu, wambeka emyezweni we-Eden, ukuba awusebenze awugcine
- Hoseya 2:8-9 Akazi ukuba ndim owamnikayo ingqolowa, newayini entsha
- Isaiah 40:21-28 Anazi na? Anivanga na? Anixelelwanga na kwasentloko? Aniqondanga na kwasekusekweni kwehlabathi?
22. Ngulo uhlala phezu kwesazinge sehlabathi abemi balo ke benjengemicikwane; ulowaneka izulu njengeqhiya eliyasuyasu walitwabulula njengentente yokuhlala
23. Ulozenza izidwangube ukuba zingabinto, abagwebi behlabathi abenze babe luchuku.
24. Bengekathi ukuhlwayelwa, bengekathi ukutyalwa, singekathi
- Amos 4
- Deuteronomy 6:13-15 (Umthetho) & Deut 7:12-16 (isithembiso)
- Deuteronomy 9:18-20
- 2 Chronicles 7:14 Bathoba ke abantu bam, ababizwa ngegama lam, bathandaza bafuna ubuso bam, babuya ezindleleni zabo ezimbi, ndiya kuva mna emazulwini, ndibaxolele izono zabo, ndiliphilise ilizwe labo.

b) Vuselelani iTempile

- Haggai 1:4-11 Zigqaleni iindlela zenu, ibe le ndlu yam yona

ilinxuwa

- 2 Corinthians 6: 16-18 Kuba nina niyitempile KaThixo ophilayo, njengokuba watshoyo uThixo ukuthi. Ndiya kuhlala phakathi kwabo, ndihambe phakathi kwabo ndibe nguThixo wabo, babe ngabantu bam bona
- 1 Corinthians 3:16 Anazi na ukuba niyitempile kaThixo? Anazi na ukuba uMoya kaThixo umi ngaphakathi kwenu?
- 1 Peter 2:5 Nani ngokwenu, njengamatye aphilileyo, yakhekani nibe yindlu eyeyomoya, isibingeleli esingcwele sokunyusa imibingelelo eyeyomoya, eyamkeleka kakuhle kuye uThixo ngoYesu Kristu

c) Ziziseni izishumi neminikelo

- Malachi 3 – Umntu angamqhatha na uThixo, ukuba nindiqhathe nje? Kwizishumi nemirumo.
- Izithembiso – Intsikelelo, Uyakuyikhalimela inkumbi edlayo kwaye intlanga zonke ziyakuthi ninoyolo
- Iphupha kubantu ekunikeleni kwabo ibe kukunikela kuba fundisi, kuba hlolokazi naku bantwana abaziinkedama, nabakwalambileyo
- Iphupha lentabalala yengeniso, nokuphuphuma kwenxaso yoovimba bezemfundo nezempilo

d) Ukuhlwayela ngesisa nangovuyo

- 2 Corinthians 9:6 Qondani ke le nto: Lowo uhlwayela ngokuvimba wovuna kwangokuvimba nalowo uhlwayela ngesisa wovuna kwangesisa. Elowo makanike njengoko agqibe ngako entliziyweni, makungabi kokuphuma kabuhlungu nangokunyanzelwa, kuba uThixo uthanda umphi ochwayitileyo
- Luke 6:38 Yiphani, naniya kuphiwa nani, umlinganiselo omhle, ohlohliweyo, ohlunguzelweyo ophalalayo, nowuphiwa esondweni lengubo yenu, kuba umlinganiselo enilinganisela ngawo, niya kulinganiselwa kwangawo nani.
- 2 Thessalonians 3:10 Ukaba umntu akathandi kusebenza makangadli nokudla
- Proverbs 28:19 Owusebenzayo umhlaba wakhe uya kuhlutha sisonka osukela izinto ezingento uya kuhlutha bubuhlwempu

e) Ukwanela konke

- Lowo ungenamandla makathi, unawo amandla, aze athi olihlwephu, usisityebi
- Ukuqhawula ukuxhomekeka kwabanye ngezidingo zakho
- 2 Corinthians 9:8-10 Wanga ke angathi ompha imbewu umhlwayeli, nesonka sokudliwa, aniphe ayandise imbewu yenu, ahlumise isiqhamo sobulungi sa benu,
- Umhlaba – 1 Corinthians 10:26; Leviticus 25:23
- Impilo
- Ixesha
- Inkathalo – ibali ngeziphwiwo (talents)
- Imbewu
- Umgquba
- Ikhuba
- uThixo uyanika - Imvula nokwanda

f) Imfazwe kamoya

- Intshaba ezintathu – Indlela yezwe, Inyama, Kunye nosatana namademoni akhe
- Umnini gunya – Matthew 28:18 – Weza uYesu wathetha kubo, esithi, Linikwe mna lonke igunya emazulwini nasehlabathini
- Ephesians 6:12 – Ngokuba umzamo wethu asingowo kuzamana negazi nenyama ngowokuzamana nazo izilawuli, nawo amagunya, nazo iziphatha – hlabathi zobumnyama balo eli phakade nayo imikhosi yomoya abakhohlakeleyo kweza semazulwini indawo

Isahluko 3: Imbali Yendlela kaThixo Yezolimo

Indlela kaThixo yezolimo sele ineminyaka engaphaya kwamashumi amabini anesibhozo (28yrs) yasungulwayo ngempumelelo emangalisayo; kwezona fama (farms) zinkulu. Umlimi ongu Brain Oldrieve kwi Hinton Estate, eZimbabwe, nguye owayisungulayo lendlela engummangaliso kanje yezolimo. Esona Siggibo esingxamisekileyo esabangela ukuba azibone enyanzelekile ukuba asithathe mayela nolulimo kukubona ukwehla kakubi kwemveliso yolimo; kanti ke nokonyuka ngokoyikekayo kwamaxabiiso okulima – ne – yona nto eyoyikekayo yokukhuliseka komhlaba ngokukhawaleza. Enye ke indawo nemeko emaxongo yokuphelelwa kwexabiso lemali. Ukulima ngendlela kaThixo kwaqalisa ngabona balimi balima eyona mihlaba mikhulu, yaze ke kamva yabuyela kubantu abalima imihlaba emincinane kunaleyo; ukuze nabo baxhamle kulendyebo ifunyanwa ngoongxowa – nkulu babalimi.

uBrian Oldrieve waba yintloko ye Hinton Estate, ekufutshane ne Binduru emntlompuma waseZimbabwe, ngoOktoba 1982. Ngeloxesha, iHinton Estate ikweyona meko imbi ezimalini zayo, nemveliso yezolimo ikekele kakubi, yehlile kakhulu. Uphando lwakhe lwakhuthazwa kukufumanisa ukuba ukhukhuliso lomhlaba nokunqaba kwamanzi ngenxa yomhlaba olinywe waba tofo-tofo kakhulu. Into yokuqala awayenzayo kukucela uThixo ukuba amfundise indlela yokulwa nengxaki wayejongene nayo. Ngalondlela ukulima ngendlela ka Thixo kwatyileka kuye. uThixo wambonisa ukuba Yena ngokwakhe indalo le yonke uyilawula kanjanina, kuba Yena akawulimi umhlaba, futhi ngalondlela soze atshabalalise okanye aguqu-guqule umhlaba. uThixo wathetha ngendlela yocino kunye nokubaluleka koxanduva lokuthunywa nguYe oluphezu kwawo onke amafama (abalimi). Babizelwe ukukhathalela umhlaba, bawugcinele ukuba ngokungathandabuzekiyo, ubelilifa eliqinisekileyo kwizizukulwana ngelizukulwana, ukuze kubuyiselwe uThixo uzuko lwakhe.

Ukusungulwa kwalendlela yokulima kaThixo, kwaye kwalinywa iihektare ezimbini, emva koko yaba yintsimi yonke. Ihlebo lokulima umhlaba, kancinane – kancinane ikukuba yonke into eyenziwayo kuqinisekwe ukuba yenzelwa izinga eliphezulu. Ngexeshana nje elingephi, isivuno nempumelelo yaphakama kakhulu ngezina elithwalisa amehlo. Kangankokuba iHinton Estate yabanako ukwandisa imida yayo ngokunwenwela kweminye imihlaba. Lonto yenzeka ngenxa yongenisele lwayo ngokokude kuthengwe eminye imihlaba eyayokhelene nayo. Yona imihlaba leyo yabangela ukuba yande ukusukela kwiihektare eziyi 1200 ukuya kama 3500 ye ehktare. Ngo tshintsho lwezilimo amaxesha onke, umhlaba wavelisa ngokuphinda phindiweyo ngexeshana elingephi; ngeminyaka elishumi elinesibhezo uBrian eseyintloko yase Hilton. Ngezityalo ezinje ngombona, ingqolowa, isoyabeans,

amandongomane, icotton, amazimba, isunflower, umwoba, ikofu, imifuno, ipecan nut ne-macadamian nut.

Ngenxa yokulima ngendlela kaThixo, iHilton Estate yafumana izidanga ezininzi zokuphumelela ekulimeni; umbona, ingqolowa, ngempumelelo engummangaliso kuleminyaka. Kwakho yaba lilungu le-Elite Ten Ton Club ngokuvulisa umbona oyi-10 tons /ha (best 13ha). uBrian wayekwakhona wamenywa ukuba abe sisithethi kwi-conversation tillage conferences.

Impumelelo yase Hilton Estate yatsho yaphakamisa inxaso kubantu abangabalimi abakufutshane nayo, bona bebhuhqwa yindlala. Ke zone iifama (farmers) ezikufutshane babesaqhubeka nokulima okuqhelekileyo; nokhukhuliso lomhlaba esilunqondayo kunye nesivuno esikhalazisiayo. uThixo olumkileyo yedwa, waqhubeka ukukhwezelela uBrian entliziyweni ukuba aqhubekeke nokunwenwisa lendlela kaThixo yezolimo ukuya nakwiilali izibuhqwa yinthlupeko ezikude kuwo wonke umzantsi Afrika.

Bendisoloko ndisebenzisana no Brian iminyaka emininzi ndaza ke ndafumana nethuba lokuba ndiye kudlulisa ngolulwazi lokulima ngendlela kaThixo kwizizwe ezintandathu (6 nations) ezinje ngezi: Kenya, Zimbabwe, Zambia, Malawi, Mozambique and South Africa. Mna ke bendisebenza kunye namabandla athile, njengokuba ndikholwa ukuba ibandla eli lona zinyawo nenqewelo uThixo ayinyulele ukuba ithululele iintsikelelo zokukhulula abantu kwintlupheko noxinzeleleko. Into esiyibonayo kukuba amahlwempu ayakuthakazelela ukulima ngendlela kaThixo, kalokubabone ukuba ukhulupheka kukhutshelwe ngaphandle kwamasango abo. Ngezinye indlela amahlwembu azibhaqa sele esithi ndlelantle kuyo indlala noxinzeleleko kubomi babo.

Ukulima ngendlela kaThixo kukubuyisela ezolimo kwindlela uThixo awasilungisela ukuze sibe ngabo baza kuzalisekisa ummiselo othi, “niwugcine niwusebenze” ukuze umhlaba ube nokubuyisela ilifa elibubutyebi kubomi bezizukulwana zonke.

uYesu wathi: “Mna ndenza lonto endibona ubawo eyenza... ndithetha lonto ubawo ayitshoyo...”

Ingaba ke lento inento yokwenza na nolimo?

Ubawo wadala yonke into yaye ungoyena mlimi wokwenene elizweni lonke jikelele. Uyazi kakuhle ezona zinto zizilungeleyo izidalwa nendalo yakhe – Thina sifanele nje ukuba, njengo Yesu, senze lento ayenzayo – ukubuyisela zonke izinto kuThixo



Isahluko 4: Amanyathelo Ngamanye

a) Izixhobo ezidingekayo

- Amakhuba – (ikhuba)
- Ikomityi yokulinganisa isichumiso
- Uluthi lokulinganisa
- Usinga kunye neziciko zebotile
- Isichumiso okanye umgquba
- Imbewu

b) Ukulungisa Umhlaba

- Ungalimi umhlaba!!
- Ungatshisi Kwanto
- Tshwenta nje ingca kancinane
- Gcina umhlaba ungenalo ukhula
- Imiqolo njenge – khonto
- Yimba imingxuma ngegaba ibe yi 60 ne 75cm
- Imingxuma ubunzulu bayo ibe ngangobunzulu bekhuba (8cm abunzulu). Umhlaba uba ngezantsi komngxuma
- Umngxuma – 15cm ubunzulu – xa usebenzisa umgquba
- Nexesha lokuba zonke izityalo (umbona) ube sele utyaliwe ngu – Oktobha ekupheleni



c) Ukugalela i-Lime

- Ixhomekeke Kubunjani bomhlaba
- Yigalele i-Lime leyo kumngxuma ngamnye

d) Ukugalela isichumiso

- Sixhomekeke Kwisivuno esinqwenelekayo
- Qiniseka ukuphela kuka-Oktobha sele unyolile – Nyola iimvula zingekani
- Isitya sokulingasela i-DAP yi-12ml
- Sisasaze ngokulinganayo isichumiso emingxumeni
- Gquma nje isichumiso eso ngomhlaba omncinane, ushiye nje indawo yokufaka imbewu.
- Linda ke kude kufike ixesha lokutyala.

e) Ukutyala

- Emva kwemvula ezintle, malunga ne – 15 Novemba
- Kwangoko nje emva kwemvula – Zingadlulanga iintsuku ezimbini
- Iinkozo zibe ntathu emngxumeni – Xa uphiwa umbona uthatha lube lunye ukhozo (isithombo) esincinane kunezinye kusale abe mabini emngxunyeni
- Utyala ngolungelelwano olungqalileyo
- Ubunzulu bokutyala bungange qokobhe lomatshisi; umbona; ubude; iqokobhe ububanzi ki-kotini (cotton); neqokobhe ububanzi

kwingqolowa

- Ukogquma ngokucokisekileyo
- Ingubo (ingca yokwambathisa umhlaba) ayifuneki phezu kwimixuma ekutyalwe kuyo.
- Wazi iintsuku (ixesha) lokutyala – umbona, amazimba, ii Cotton, nama ndongomane

Ubungakanani bemvula enethileyo	Ixesha Lokutyala
100 mm	1 st week Novemba
85 mm	2 nd week Novemba
75 mm	3 rd week Novemba
50 mm	4 th week Novemba
30 mm	1 st week Desemba

- iSunflower ne soya beans mazityalwe mva zona, malunga nokuphela kuka Desemba elo xesha lisemva

f) Ukukhathalela ukhula

- Luqalise ukulilawula ngoku luse buthathaka (luncinane) 1 inch 3 days vs 1ft 12 days
- Lento ikunika imihla emininzi yokuphumla – Abanye abaze bakwazi ukuloyiso ukhula.
- Iwugcina umhlaba wakho unyaka wonke ungenalo ukhula
- Iiyure ezimbini, mihla le.
- Geca nje ingca (ukhula) emantla engcambu zigawule nazo iingcambu – nje ngaphandle kwengca

g) Ukupha

- Xa upha umbona izithuba, ncothula omncinane kwizithombo zakho kusale zibe mbini, xa zimilile zontathu
- Ncothula ke lo mncinane kuyo yomithathu
- Ukuba kumngxuma ongomnye kufutshane kumile wamnye sukuba sawuncothula nomnye kumngxuma osecaleni lalowo uvele wamnye

h) Isichumiso esifakwa ngaphezulu

- 1 @ knee height (xa uma emadolweni) ixhomekeke kwisivuno esinqwenelekayo – 5ml cup
- Kabini phambi kokuba umbona udubule utyatyambe
- Ugalele kude – malunga ne 10cm ukuba kude nesithombo

i) Ukuqhawula iintshaka

Zombona xa sele uvuthiwe

- Wakuba ukhule ngokwaneleyo
- Uqhawula entla kwezikhwebu
- Yonke lonto eqhawulweyo iluncedo kwingubo yeN’kosi

j) Ukophulwa kwendiza emva kokuvuna

- Nyathela ezantsi kodiza uliphulele phantsi, phakathi kwemiqolo
- Yongeza lonto ke kwa ingubo YeNkosi – Incede ukutshabalalisa nokhula
- Itshabalalise ubomi bombundane

k) Ukutshabalalisa ukuvela Kokhula

- Igcina umhlaba ungenalo ukhula
- Olukhula oluthandwa ziihagu luvelisa imbewu engaphezulu kwe 600 000 lulunye
- Ukhula lanyakanje yingxaki yokutshabalala kwesilimo somnyaka olandelayo

l) Ukutshintshanisa izityalo zakho rhoqo

- Zama Ukutshintshanisa izityalo njalo-njalo-ngeminqathe nemboty
- Yiba nomhlaba owenza kuyo olotshinlsho
- iEgg beans nombona

Alternative Crop technology adjustment guidelines								
	Crop	Maize	Groundnuts	Sunflower	Cotton	Sorghum	Soyabeans	Cowpeas
Seed Rate	kg/ha	30	80	6	25	10	80	80
Spacing	Rows	75	37.5	75	75	75	75	75
	In-row	60	4	60	60	10	10	10
Plant depth	cm	5	3	2	2	2	2	2
Plant	Seeds/hole	3	1	3	4-6	1	1	2
Thin to	Seeds/hole	2	1	2	1-2	1	1	1
Population	Plants/ha	44,444	333,333	44,444	33,000	133,333	133,333	133,333
Target yield	tons/ha	5-7	1.5-2	2-2.5	2-2.5	2-2.5	1.5-2	1.5-2
Compound Fertiliser	Cup size ml	#12	#8	#5	#8		#5	#5
	Rate kg/ha	293	196	122	196		122	122
Top dress Fertiliser	1) Cup size ml	#8		#5	#5	#12		
	2) Cup size ml	#5						
	Rate kg/ha	256		98	98	144		
Lime	Rate kg/ha		200					

Isahluko 5: iTechnology yezolimo ngendlela kaThixo

Ungatshisi Kwanto no ungawulimi umhlaba

a) Ingubo kaThixo: Ungatshisi!!!

Uhlale umhlaba ugqumelekile ngemvuthuluka yezinto ezisale emva kokuvuna – malunga ne 30 – 100% phezu komhlaba

- Uvikela uxinzelelo olwenziwa ngamathontsi emVula, kumhlaba utsho uqinelane.
- Ikhuselela ukhukuliso lomhlaba – ukusukela ki 90% eyenzeka kulimo oluqhelekileyo iye kwi 6% kumhlaba onengubo YeNkosi
- Umhlaba ufunxa amanzi ngcono ngange 10% Kwi6t nge akile
- Ithoba ukhukuliso lomhlaba
- Umhlaba ugcina kuwo amanzi ixesha elide
- Ithoba ubushushu bomhlaba – imbewu itsho zikhawuleze ukuhluma; nezityalo zikhule kakuhle
- Ukufuma komhlaba nokutyeba kukhuthazeke
- Iingcambu zezityalo zihlala zikulomhlaba uchumileyo
- Umngundo wayo yonke lento engatshiswanga inceda ekuchumiseni umhlaba
- Umhlaba unika ngendlela engcono
- Nakumaxesha okoma umhlaba uhlala unika kakuhle
- Ukwanda kokhula kuyehla kakulu.

b) Ukungalimi – ungawulimi umhlaba

- Ngalandlela umhlaba uphazanyiswa kancinane
- Umhlaba ubuyela kwindalo yawo – uya ubangcono ngakumbi
- Ibangela umhlaba ugcine amanzi ngakumbi
- Nokhukuliso lomhlaba luyathotywa ngamandla
- Ikhuthaza ukufuma, nokuchuma komhlaba lowo
- Nomsebenzi uyancipha
- Umhlaba wehlisa nexabise lokuwusebenza – amaxabiso etele-tele angabikho
- Utyala nje emva kweemvula ngokukhawuleza

Isahluko 6: Good Management

IZINTO EZIBALULEKILEYO EZINE UKUZE ULIMO NGENDLELA YENKOSI LUBEYIMPUMELELO

a) Ixesha elilungileyo – Intshumayeli 3:11

- Ukumba imingxuma ngemva kokuvuna
- Ukuqokelela isichumiso, Ingubo yeNkosi, imbewu nomanyolo ngaphambi kukutyala.
- Ixesha lokutyala – 22nd Desemba ubude bosuku = ulahlekelwa yi – 120kg ngemini xa utyale emva ko-Novemba

b) Ngendlela elungileyo – Gen 1:31; Hezekile 40:2 – iTemple; umkhumbi kaNowa; Genesis 6:14-21

- Musa ukuxinanisa nika izithuba ezoneleyo, ububanzi bemiqolo, ukulungelelana kwayo, utyala iinkozo zibentathu kumngxuma ngamnye
- Utyala ngokomlinganiselo owamkelekileyo ku-Thixo

c) Inkcitho encinane – Ukuqokelela iingobozi ezi-12 Mateyu 14:20

- Amanzi, umhlaba, izinongo, isichumiso, abasebenzi, ukukhanya kwelanga; indawo yokuthengisa imveliso kunye nexesha.

d) Ngovuyo – 2 Korinte 9:7

- Makathi wonke ubani anikele ngangoko agqibe ngako entliziyweni yakhe, kungabi kokuphuma kabuhlungu nangokunyanzelwa: kuba uThixo uthanda umphi ochwayitileyo

Abalimi kumele bafunde iindlela ezingundoqo zonkuba bacebe kakuhle ulimo lwabo ngaphambi kokuba kunyanzeleke ukuba baqalise ukulima, bade bafikelele nasekubeni bathekelele nesivuno sabo, ngoku kanye bengekulimi nokulima okukanye nazo zonke iinzinto neendlela eziyimfuneko; ngawo onke amathuba azakulandela.

Ngaphezu kwezinto zonke sifanelwe ukuba kwenziwe izinto zonke ngokungakukwiNkosi uYesu.

Isahuko 7: Well Watered Gardens

Phupha iphupha lokulima ngendlela kaThixo yokubona ukwaphuka kwedyokhwe yoxinzeleleko bubuhlwempu eluntwini, ubakhuthazele ukuba baluqonde ubabalo luka Thixo olufihlwe kubo ngokwabo.

Inkuthazo yezibhalo ezingwele

“Kodwa ndingubani na mna Nkosi?” unokutsho wena. Ningonyana nentombi zoThixo ophilileyo. “Njengoko ndimbona uThixo esenza, nam ndenza kwangokunjalo. Njengokuba ndisiva uBawo ethetha, kanye mna yilento endiyithethayo.” uYesu usibonisile thina into ekumele siyenze. Kufanele ukuba thina silandelane nayo yonke into asele esibonise yona. Into awayizelayo uYesu kukuza kulungiselela; ukubonisa abahluphekileyo indlela, nabagulayo, abantliziyo ityumkileyo, nabophuke umphefumlo basindiswe, baze baphile ubomi besithembiso sobomi obuhle beNkosi. Sinethuba elimangalisayo lokwenza oko, ngesixhobo esinamandla sokulima ngendlela kaThixo. Size ngokwenza oko sizalisekise okubhalwe ku Isaya 58 – Uzilo olukhethekileyo loluka Thixo. Ngokwenza oko soba nalo nelungelo lokuba ngaba lungiseleli be-Nkosi (Matteyu 25:35) size siphile phantsi kwentsikelelo engumangaliso xa sinceda amahlwempu naba ngenako ukuzenzela nto.

Indaba ezilungileyo ze-Lizwi nangezenzo, zingafumana indawo kwihlabathi jikelele, kuqhawuke uxinzeleleko nobuhlwempu, zaphule nedyokhwe yobukhoboka ebantwini. Abefundisi, Inkokheli, kunye nabaphumi mkhosi be Nkosi, namandla onke angenza owona msebenzi ulungileyo wokusasaza olulimo ngendlela kaThixo elizweni lonke. Inqwelo elungileyo libandla; njengokuba icacile into yokuba lilo elinako ukutshintsha intliziyo nendlela.

Ukuqalisa iWell Watered Garden

Ii-Well Watered Gardens (izitiya ezinoku nkencakesheleka ngemijelo yamanzi) ukuqalisa ukuthyila ngokucacileyo indlela kaThixo yokulima ngokukhawuleza. Lemibonisa yesisitiya ubukhulu baso siba yi 7:2 ne 7.5m, apho kulingene ukuba imiqolwana elishumi – kunye nemingxuma eyi 12 (ishumi elinambini) kumqolo ngamnye. Yona ke ukuba yimpumelelo kwayo kothabatha iiyure ezimbini okanya ezintathu – zoqeqesho, zaye zilixabiso elihle ngokuba zinika lomntu ukulo uqeqesho olo ukuba abone aze aqonde kakuhle, ngokuphinda-phinda okuninzi, nokunikeza

umqeqeshwa lowo ithuba elaneleyo, ngokuzifundela ngokwenza, ulwazi oluthe vetshe ngaloo mba. Kunye nabo bonke abalungeneleyo uqeqesho olo. Zona izixhobo ezifunekayo zimbalwa: Ikhuba, ingxowa yomanyolo, 1kg yembewu, 7.2 yentambo enqaliweyo (elinganisiweyo) 2kg ye DAP, 2kg yento yokukha umanyolo (ingumquba), 75cm yentonga nekomityi 5 & 12ml. Yona iWell Watered Garden iqaliswa nje iimvula zingekabikho. Ukuze uqinisekise ukuba abantu banalo ixesha elaneleyo lokuyiqonda yonke into ixesha lisabavumela. Ukuze bahambe baye emakhayeni abo bayokuzenzela ngokwabo kwawabo amasimi ngokubanzi.

Nabani na okhe nje wathiwa ntle ngendlela kaThixo yokulima okwexeshana unako ukuhamba ayoziqalela kweyakhe indawo ayilinge lindlela nge Well Watered Garden